KWINKUNDLA EPHAKAMILEYO YASEMPUMA KOLONI, EBHISHO
(IRIPHABHLIKI YOMZANTSI AFRIKA)

INOMB. YETYALA: 81/2012

Kumba ophakathi:

KWE-EQUAL EDUCATION	owokuQala ofake iSicelo
IKOMITI KAXAKEKA YEZISEKO ZOPHUHLISO YESIKOLO SAMABANGA APHANTSI SASEMWEZENI	owesiBini ofake iSicelo
IKOMITI KAXAKEKA YEZISEKO ZOPHUHLISO YESIKOLO SAMABANGA APHEZULU SASEMKANZINI	owesiThathu ofake iSicelo

kunye

NOMPHATHISWA WEMFUNDO ESISISEKO	owokuQala ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: EMPUMA KOLONI	owesiBini ekufakwe iSicelo ngaye
URHULUMENTE WEPHONDO LEMPUMA KOLONI	owesiThathu ekufakwe iSicelo ngaye
URHULUMENTE WERIPHABHLIKI YOMZANTSI AFRIKA	owesiNe ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: EFREYISTATA	owesiHlanu ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: EGAUTENG	owesiThandathu ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: KWAZULU-NATAL	owesiXhenxe ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: LIMPOPO	owesiBhozo ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: EMPUMALANGA	owesiThoba ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: EMNTLA KOLONI	oweShumi ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: EMNTLA NTSHONA	oweShumi elinaNye ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEPHONDO WEMFUNDO: ENTSHONA KOLONI	oweShumi elinesiBini ekufakwe iSicelo ngaye
UMPHATHISWA WEZIMALI	oweShumi elinesiThathu ekufakwe iSicelo ngaye

ISIVUMELWANO SOKUZINZISWA KWAWO ESIBHALWE YINKUNDLA

Kubhalwe ukuba lo mbandela uzinziswe ngokwale ndlela ilandelayo:

1. Owokuqala ekufakwe isicelo ngaye onguMphathiswa weMfundo Ephantsi uthembisa ukuyila nokubhengeza imithetho ebeka ubuncinane imiqathango mayela) nemigaqo yeziseko zophuhliso zezikolo (Norms and Standards for School Infrastructure) ngokwecandelo lesi-5A (1) (a) kunye nelesi-5A (2) (a) loMthetho weziKolo zoMzantsi Afrika (South African Schools Act)ngomhla we-15 kuMeyi 2013 okanye ngaphambi koko. UMphathiswa ukwathembisa ukupapasha imithetho equlunqwayo ukuze uluntu luveze ezalo izimvo ngayo ngomhla we-15 kuJanuwari 2013 okanye ngaphambi koko; nokunika ingqwalasela kuwo nawaphi na amagqabantshintshi athe enziwa malunga nokupapashwa kwawo ngaphambi komhla wama-31 kuMatshi 2013.

2. Owokuqala ekufakwe isicelo ngaye Umphathiswa ukwathembisa ukufaka ingxelo efungelweyo kumagqwetha abantu abafake izicelo kwisithuba seenyanga ezintathu ukususela kumhla wesi sivumelwano ingxelo leyo echaza onke amanyathelo athe athatyathwa: ngenjongo yokubonelela iSikolo samaBanga aPhantsi saseMwezeni ngezinto zesikolo ezifanelekileyo nezaneleyo, ezifana namagumbi angasese awaneleyo kunye nocingo olukhuselekileyo; amanyathelo angakumbi afanele awathabathe; kwanexesha aya kuwathabatha ngalo loo manyathelo.

3. Owokuqala ekufakwe isicelo ngaye Umphathiswa uthembisa ukuhlawula iindleko zesi sicelo nenxalenye ethile yezo ndleko eya kuquka iindleko zamagqwetha amabini.

4. Xa kuthe kwakho ukophulwa kwayo nayiphi na imiqathango yesi sithembiso; nawuphi na waba bafake isicelo angaya kwiNkundla ePhakamileyo ngokukhawuleza ngenjongo yokukhululwa ngokufanelekileyo, ngaphandle kokuba owokuqala ukuya kuqhina kowesine ekufakwe isicelo ngaye uthe wanikwa isaziso seeveki ezimbini zeso sicelo. Kuthe kwabhalwa ngokukhethekileyo ukuba ukukhululwa okunokufunwa ngokufanelekileyo, kusenokuquka kodwa kungaphelelanga apho, ukwenza esi sivumelwano sibe ngumyalelo wenkundla kwanomyalelo wokwenza umsebenzi othile ngokwemiqathango yesi sivumelwano.

Abo batyobela esi sivumelwano baqinisekisile ukuba bagunyaziswe ngokusesikweni ukutyobela esi sivumelwano egameni lamaqela abawamelayo.

Ibhalwe umhla eRhini ngomhla we-19 kuNovemba 2012

_____
nguCameron McConnachie weZiko lezoMthetho , eRhini
egameni labafake isicelo

Ibhalwe umhla ePitoli ngomhla we-17 kuNovemba 2012

_____
nguChris Leukes weSebe leMfundo esiSiseko
egameni lalowo wokuqala ekufakwe isicelo ngaye